Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

ISIGABA ESIPHEZULU

IBANGA LESI 9

EYENKANGA 2014

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA P3

AMANQAKU: **60**

IXESHA: **1½ iyure**

9XHHL3

Olu viwo lunamaphepha ama - 5.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha linamacandelo amaBINI.

   ICANDELO A: ISINCOKO: (40)
   ICANDELO B: IITEKISI ZONXIBELELWANO: (20)

2. Phendula umbuzo ubeMNYE kwicandelo ngaLINYE.

3. Bhala ngokucocekileyo.

ICANDELO A: IZINCOKO

UMBUZO 1

Kwizincoko ezilandelayo khetha sibe siNYE kuphela ubhale ngaso. Ubude besincoko sakho mabube phakathi kwamagama angama-250–300.

1.1 Bhala isincoko esichazayo: “Imfundo sisitshixo sobomi” (Yamanisa iingcinga zakho nokubonayo emfanekisweni). **[40]**

OKANYE

1.2 Bhala isincoko esicamngcayo ngesi sihloko silandelayo:
“Udlwengulo lwabantwana abaselula ngathi lithath’ unyawo apha eMzantsi Afrika”. Dandalazisa izimvo zakho ngalo mkhwa umbi kangaka. **[40]**

OKANYE

1.3 Bhala isincoko esixoxayo ngesi sihloko silandelayo, Ndikholelwa ukuba abantu basetyhini ngabona bantu bakrelekrele kunabantu abangamadoda.” **[40]**

OKANYE

1.4 Bhala isincoko esibalisayo ngeli qhawe lesizwe kwihlabathi jikelele.



[40]

AMANQAKU ECANDELO A: 40

ICANDELO B: IITEKISI ZONXIBELELWANO

UMBUZO 2

Phendula umbuzo ubemNYE kuphela. Ubude betekisi bube phakathi kwamagama ali-160–180.

2.1 Bhalela umhlobo wakho incwadi (ileta) yovakalelo uvuyisana naye ekuphumeleleni kwakhe phambili kugqatso lomdlalo weqakamba obubanjwe kwinqanaba lephondo laseMpuma Koloni. **[20]**

OKANYE

2.2 Bhala idayari ngomxholo obonisa indlela ove ngayo wakufumanisa ukuba udliwe izithende ngumhlobo wakho obumthembile. Gxila kwiimpawu zobhalo lwedayari xa ubhala. **[20]**

OKANYE

2.3 Yenza isibhengezo-ntengiso sesonka esihlohliweyo (*isendwitsh*). Thengisela abafundi esikolweni. Batsale uyincome bagilane abathengi. (landela zonke iimpawu zokubhalwa kwentengiso). **[20]**

AMANQAKU ECANDELO B: 20
AMANQAKU EWONKE: 60
AMANQAKU AGUQULELWE (60 ÷ 2): 30